



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****Ukumakisha uvavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu iingongoma ezimbini-kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



X-N.
SM PP
5/11/14

- 1.1 1.1.1 NguNtsikelelo.√ (1)
- 1.1.2 Ngokuthengiswa kwendlu ekuhlalwa kuyo, kuthengwe enye.√ (1)
- 1.1.3 Kukuya kutata wekhaya bamxelele ngokuthengisa indlu yabo baye kuthenga enye edolophini. √ (1)
- 1.1.4 D/Yokumcenga unyana wakhe√/Yokumcenga unyana wakhe√/D.√ (1)
- 1.1.5 Lwaqokelelana√/lwadibanisana√/lwabizana.√ (1)
- 1.1.6 Kukhe kwayingxaki, kungekho bani ude ayiqale incoko ...√√ (2)
- 1.1.7 Uthetha ukuthi ufuna ukulala√/uthetha ukuthi ufuna ukungqengqa.√ (1)
- 1.1.8 Xa kanti unemali engahlawula indlu lo nyana wakho kungani ukuba sibe lilifa lendlala ekho naloo mali.√ (1)
- 1.1.9 Ozibona ngendlela yakhe izinto aziqwalasele ngeliso elibukhali√√/ ocingisisa acingele nexesha elizayo√√/uyaqiqa√√/unomqolo√√/ unobulumko√√/ukholwa kukwenza isigqibo ngento egqitywe kakuhle√√/akathandi ukuzifaka kwizinto ezingaqondakaliyo√√/ ukholwa zizinto ezifanelekileyo/akaboniseki lula. √√ (2)
- 1.1.10 Sukothuka/Yehlisa umoya√/Sukuba nexhala/yehlisa umsindo√/ phola√/thoba umoya√/thoba umsindo√/yekelela√/ sukuzikhathaza√/ sukucaphuka.√ (1)
- 1.1.11 Kukucikozelwa nguPhathiswa. √ (1)
- 1.1.12 Livelisa ukuba bacinga ukuba indlu le ithengiweyo yeyabo kanti akunjalo√√/kukho into efihliweyo eyaziwa ngumntu othile malunga nokuthengwa kwayo√√/bayaziqhatha√√/kukho ukungaqondi√√/abayazi eyona nyani√√/bakhohlisekile/kukho into efihlakeleyo kubo.√√ (2)
- 1.1.13 UMpondo wayenxubile√ usapho lwakhe lonwabile√/umoya kaMpondo uphantsi√ okaMaGaba nosapho uphezulu√/usapho lonwabile√ uMpondo yena akonwabanga.√ (2)
- 1.1.14 Yinto yokuba unqabile√/sekulithuba engasabonakali√/unexesha elide engasabonwa.√ (1)
- 1.1.15 Ngumbuzo buciko√, obonisa umothuko wakhe√/ukudideka√/ukuxakana nento√/ukudandatheka√/ukomelwa ngumqa ephinini√/ukukhathazeka. √ (2)
- 1.1.16 Sihambelana ngokuba amazwi akwisihloko awathethwa nguMpondo kumhlathi wesi-3 azaliseka kuba bayibona loo nyaniso mhla kwafika ikhephekhephe elibazisa ukuba indlu abahleli kuyo



X.N.
S.M.P.P.
5/11/14

iyathengwa✓✓/amazwi kaMpondo okungamthembi uNtsikelelo anyanisile kuba nangoku udukile bakhutshiwe endlwini.✓✓ (2)

1.1.17 Sibe sisilumkiso sokuba umntu makawabuze amaphepha endlu ayithengelwayo.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)


1.2 UVAVANYO LOKUQONDA: OKUBONWAYO

1.2.1 Ikhithi✓✓/igumbi lokuphekela✓✓/igumbi lokutyela,✓ kuba kukho izixhobo zasekhithshini, umzekelo; iketile, isitovu, isinki, itafile yokutyela nezinye.✓ (2)

1.2.2 Ngutata onezandla ezimdaka✓✓/bathe nqa ukuba kutheni kusitshiwo kubo kodwa bayazihlamba utata yena seleziphakela ngezandla ezimdaka✓✓/nabantu abadala mabazihlambe izandla✓✓/kuba bekumelwe ukuba makutsho yena ukuba makuhlanjwe izandla njengentloko yekhaya✓✓/balityaziswa ngokuhlamba izandla bona ngeli xesha utata esitya engazihlambanga izandla✓✓/bamthele nqa kuba utata yena engangxoliswa kodwa engazihlambanga izandla.✓✓ (2)

1.2.3 Mabangatyi ngezandla ezimdaka ezinokugqithisela iintsholongwane ekutyeni ze zibagulise✓✓/kukhuthazwa ucoceko✓✓/kukhuthazwa ezempilo✓✓/kukuba kumelwe ukuba kuhlanjwe izandla phambi kokuba kutyiwe✓✓/abazali mabenze okufanelekileyo kuqala ukuze abantwana babone kubo indlela yokwenza izinto. ✓✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30



X.N.
SM AP
5/11/14

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2****Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.


- 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	lingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.		lingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.
1.	Ukuphumelela kubudlelwane bakho kukuphumelela ebomini.	1.	Kuyaphumelelisa ebomini ukukhetha ubudlelwane ngempumelelo.
2.	'Kufuneka siqiniseke ukuba sikhetha ubudlelwane bethu ngobulumko nobukrelekrele obukhulu ukuze siphumelele sibe nekamva eliqaqambileyo.'	2.	Kufuneka ukuba ube nobulumko nobukrelekrele ukuphumelelisa ubudlelwane bakho.
3.	'Akulunganga tu ukuhamba nomsinga xa ukhetha abahlobo kuba oko kungenza	3.	Sukulinganisa izinto ezenziwa ngabahlobo.


X.N.
SM P
5/11/14



	ukuba ungazinzi engqondweni kwaye ube nempumelelo.'		
4.	Abahlobo bakho banganako ukubonisa ingomso lakho nempumelelo yakho.	4	Ingomso lakho lifuthelwa yimo neengcinga zabahlobo.
5.	'Vuma ukuba abahlobo okanye abantu abakungqongileyo bakuxelele inyaniso nokuba ikrakra kangakanani na.'/Ukuzazi nokwamkela iimpazamo ozenzayo ebomini kungabukhulisa ubudlelwane bakho.'	5.	Yamkela ukwakhiwa ngabahlobo nokuba kubuhlungu./ Zazi ukuba unjani kwaye uzivume iziphoso zakho.
6.	'Ziqhelise ukuthembeka nokunyaniseka kubudlelwane ukuze uphumelele.'	6.	Ukungathembeki nokunganyaniseki konakalisa ubudlelwane namathuba empumelelo.
7.	'Masenze ngandlela zonke ukuba kube luxanduva lwethu ukuphumelela kubudlelwane bethu.'	7.	Mayibe luxanduva omntu wonke ukuphumelelisa ubudlelwane bethu.
	(60)		(49)

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI - 31 - 37PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001**PUBLIC EXAMINATIONS****Ukumakisha iCandelo C**

1. Upelo
 - limpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

- 3.1 Yicalcium✓/Yiprotheni.✓ (1)
- 3.2 Silungiselelwe abantu abanosapho✓/abantu abafuna abantwana abanempilo✓/abantu abanabantwana besikolo✓/amaggolo✓/abantu abathanda itshizi✓/bonke abantu✓/abangabapheki ngokomsebenzi wabo.✓ (1)
- 3.3 Ukujija ingqondo zabathengi✓✓/ukuloba abathengi✓✓/ukutsala abathengi✓✓/ukudlwengula umxhelo wabathengi.✓✓ (2)
- 3.4 Ukuba abathengi bazifumanele iinkcukacha ezithe vetshe ngale mveliso✓/ukuze abathengi bafumane ulwazi✓/ukukhalaza xa enento angayithandanga umthengi.✓ (1)
- 3.5 Intsha.✓ (1)
- 3.6 Ewe, kuba inezondlo ezidingwa ngumzimba kwaye inexabiso elifikelelekayo.✓✓

OKANYE


Hayi, kuba abanye abantu abayityi itshizi kuba abanye bayagula.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

- 3.7 C✓/C Ulwimi oluqhathayo ✓/. Ulwimi oluqhathayo.✓ (1)
- 3.8 Le tshizi inecalcium eninzi.✓ (1)

[10]

XN
 SJ
 5/11/14

**UMBUZO 4**

- 4.1 Njengesibaluliv//njengesichazi.√ (1)
- 4.2 Ukubawa√/Ukurhala/ukunqwenela.√ (1)
- 4.3 B√/B unentlondiv//unentlondiv.√ (1)
- 4.4 Ubonisa ukothuka kakhulu√/umangalisiwe√/ukungakholelwa.√ (1)
- 4.5 Kukuva kamnandiv//ukonwabela ukutya√/ukuva ubumnandi bento oyityayo√/ukwaneliseka√/ukuva incasa√/ukuncoma inyama.√ (1)
- 4.6 Sisibizi.√ (1)
- 4.7 Abakholelwa ukuba batye inyama yenja√/bamangalisiwe√/bayonyanya√/badikiwe√/bothukile√/bayacekisa√/badanile√/banomsindo√/bakhathazekile.√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.8 Sibonisa ukudelela√/ukunyemba.√ (1)
- 4.9 Akazisoli kuba uyabahleka/uyabagezela.√√ (2)

[10]**UMBUZO 5**

- 5.1 5.1.1 Sisisekelo√ (1)
- 5.1.2 B√/B kukuphakamisa isandla sokunene sihlangabeze esomnye umntu√/kukuphakamisa isandla sokunene sihlangabeze esomnye umntu.√ (1)
- 5.1.3 Ukuxhawula kuza kuba/kuzoba/koba yindlela yokuvuyisana nomntu.√√ (2)
- 5.1.4 Isihlomelo√/Isihlomelo sobunjani.√ (1)
- 5.1.5 Nabasetyhini√/abasegoqweni√/abafazi√/umthinjana√/oomama√/amantombazana.√ (1)
- 5.1.6 Isenzo esenzeka macala.√ (1)
- 5.1.7 Yena√//Yena uthi nguye owaqala oku ekupheleni kweminyaka yoo-1970. (1)
- 5.1.8 Ifashoni ifika idlule kodwa i 'high five' yona ayidluli√/Ifashoni ifika idlule kodwa i 'high five' ayidluli yona.√ (1)
- 5.1.9 Abaninzi√, isiphawuli.√ (2)


X.N.
SM JP
5/11/14

2019年12月

- 5.1.10 Ngezandla.√ (1)
- 5.1.11 (a) B√/B Abantu bayancedana√//Abantu bayancedana.√ (1)
(b) C√/C Izinto ezinkulu ziqala kancinci√//Izinto ezinkulu ziqala kancinci.√ (1)
- 5.2 5.2.1 Amadoda awaphethanga zintonga namakhaka.√ (1)
- 5.2.2 Inkosi ithe kumadoda mawabambane ngezandla√√//Inkosi ithe amadoda mawabambane ngezandla.√√//Inkosi ithe emadodeni mawabambane ngezandla. √√ (2)
- 5.2.3 Amancinci.√//Amadoda amancinci adibene. √ (1)
- 5.2.4 Amadoda ajonge phambili√//Ajonge phambili amadoda.√ (1)
- 5.2.5 Hlalani phantsi madoda.√ (1)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



H.N.
SH
5/11/14

